IRIPHABLIKI YECISKEI

IGAZETHI YOBURHULUMENTE

REPUBLIC OF CISKEI

GOVERNMENT GAZETTE

DIMBAZA PRINTERS — 27054

Price 30c

Umq. 16 eBISHO No. 56
19/08/88

Vol. 16 BISHO No. 56
19/08/88

ISEBE LEMFUNDO

ISAZISO SIKARHULUMENTE SE-64

NGOKWENJENJE KUYAZISWA UKUBA UMONGAMELI UWUVUMILE UMTHETHO OLANDELAYO NOBHENGEZWAYO APHA KUSAZISWA ULUNTU NGOKUBANZI:-

UMTHETHO OSISIHLOMELO WETEKNIKHONI, 1988

UMTHETHO NOMBOLO 10 WOWE-1988

DEPARTMENT OF EDUCATION

GOVERNMENT NOTICE No. 64

IT IS HEREBY NOTIFIED THAT THE PRESIDENT HAS ASSENTED TO THE FOLLOWING ACT WHICH IS HEREBY PUBLISHED FOR GENERAL INFORMATION

TECHNIKON AMENDMENT ACT, 1988

ACT No. 10 OF 1988

UMTHETHO OSISIHLOMELO WETEKNIKHONI, 1988

U M T H E T H O

Ukuhlomela uMthetho weTeknikhoni, 1984.

(Okubhalwe ngesiNgesi kusayinwe nguMongameli. Kwavunywa ngomhla we-2 August 1988).

MAKWENZIWE UMTHETHO yiNdlu yeNdibano yeSizwe yeRiphablikhi yeCiskei, ngolu hlobo lulandelayo:-

1. Ukuhlonyelwa kweCandelo 1 loMthetho 15 wowe-1984. - ICandelo 1 loMthetho weTeknikhoni, wowe-1984 (ekubhekiselelwa kuwo kamva kulo Mthetho njengoMthetho oyintloko) ngokwenjenje liyahlonyelwa ngokufakelwa emva kwenkcazelo-magama "umgaqo" kwale nkcazelo-magama ilandelayo:-

"'**iBhunga loNikezelo-ziqinisekiso**' lithetha iBhunga loNikezelo-ziqinisekiso leMfundo yeTeknikhoni elisekwe liCandelo 2 loMthetho weBhunga loNikezelo-ziqinisekiso leMfundo yeTeknikhoni, wowe-1986 (UMthetho 88 wowe-1986) weRiphabliki yoMzantsi Afrika.".

2. Ukufakelwa kuMthetho 15 wowe-1984 kweCandelo 22A. - Eli Candelo lilandelayo ngokwenjenje liyafakelwa kuMthetho oyintloko emva kweCandelo 22:

"**22A. Iziqinisekiso okanye iidiploma zemfundo.** - (a) Ngenjongo yokugcina imigaqo nemigangatho efanelekileyo ekufuneka abaviwa bayithobele kwiimviwo zeziqinisekiso okanye iidiploma ekubhekiselelwe kuzo kwicandelo 22 lalo Mthetho, uMongameli, njengoko kujongwe njalo kwiCandelo 9 loMthetho weBhunga loNikezelo-ziqinisekiso leMfundo yeTeknikhoni, wowe-1986 eselixeliwe, angangena kwimvumelwano noRhulumente woMzantsi Afrika ukuze kuqhutywe liBhunga loNikezelo-ziqinisekiso kwiRiphablikhi yeCiskei okanye ngokumalunga neRiphablikhi yeCiskei kwayo yonke okanye nayiphina imisebenzi enikwe iBhunga ekuthethwa ngalo ngokweCandelo 9 ekuthethwe ngalo njengoko kungacaciswa kuloo mvumelwano, kulawula loo miqathango njengoko inokucaciswa nayo ngokunjalo.

(b) Ekugqityweni kwayo nayiphina loo mvumelwano, nakuphina okwenziwa ngokwemigaqo yoko liBhunga loNikezelo-ziqinisekiso kwiRiphablikhi yeCiskei okanye ngokumalunga neRiphablikhi yeCiskei ngeenjongo zalo Mthetho kuya kuthatyathwa njengokwenziwe ngokugunyazisiweyo ngokungathi kwenziwe ngokwemigaqo yoMthetho weNdlu yeNdibano yeSizwe."

3. Intloko emfutshane nokuqalisa. - Lo Mthetho uya kubizwa ngokuba nguMthetho osiSihlomelo weTeknikhoni, wowe-1988 kwaye uya kusebenza ngomhla oya kumiselwa nguMongameli ngesihlokomiso *kwiGazethi.*

TECHNIKON AMENDMENT ACT, 1988

A C T

To amend the Technikon Act, 1984.

(English text signed by the President. Assented to on 2 August 1988).

BE IT ENACTED by the National Assembly of the Republic of Ciskei, as follows:-

1. Amendment of section 1 of Act 15 of 1984. - Section 1 of the Technikon Act, 1984 (hereinafter in this Act referred to as the principal Act) is hereby amended by the insertion after the definition of "regulation" of the following definition:

"'**the Certification Council**' means the Certification Council for Technikon Education established by section 2 of the Certification Council for Technikon Education Act, 1986 (Act 88 of 1986) of the Republic of South Africa;".

2. Insertion in Act 15 of 1984 of section 22A. - The following section is hereby inserted in the principal Act after section 22:

"**22A. Educational certificates or diplomas.** - (a) With a view to the maintenance of appropriate norms and standards with which candidates are required to comply in the examinations for the certificates or diplomas referred to in section 22 of this Act, the President may, as contemplated in section 9 of the aforesaid Certification Council for Technikon Education Act, 1986, enter into an agreement with the Government of the Republic of South Africa for the performance by the Certification Council in or in relation to the Republic of Ciskei of all or any of the functions assigned to the said Council in terms of the said section 9 as may be specified in such agreement, subject to such conditions as may likewise be specified.

(b) Upon the conclusion of any such agreement, anything done in terms thereof by the Certification Council in or in relation to the Republic of Ciskei for the purposes of this Act shall be deemed to be as validly done as if it had been done in terms of an Act of the National Assembly.".

3. Short title and commencement. - This Act shall be called the Technikon Amendment Act, 1988 and shall come into operation on a date to be fixed by the President by proclamation in the *Gazette*.

OKUQULATHIWEYO			CONTENTS		
ISaziso sika-Rhulumente No.	*Inani leKhasi*	*Inani le Gazethi*	*Govt. Notice No.*	*Page No.*	*Gazette No.*
64		56	64		56
ISEBE LEMFUNDO			DEPARTMENT OF EDUCATION		
ISAZISO SIKARHULUMENTE SE-64			GOVERNMENT NOTICE No. 64		
UMTHETHO OSISIHLOMELO WETEK-NIKHONI, 1988			TECHNIKON AMENDMENT ACT, 1988		
(UMTHETHO ONGU-No. 10 WOWE-1988)			(ACT No. 10 OF 1988)		